

USihle yintombazana eneminyaka esixhenxe.

Ufunda kwisikolo samabanga aphantsi.

Uphathiswa ukutya ngumama wakhe yonke imihla xa esiya esikolweni.



Ngenye imini abantwana babesitya kunye phantsi komthi.

USihle wacinga, “Namhlanje ndiza kuzincama ndiye kubo. Bakhangeleka bonwabile, bayabelana ngokutya kwabo kwaye bancokola kamnandi.”




Akuya kubo uSihle, basuka abamhoya abathetha naye. Wabashiya edanile ephoxekile.

UNkosazana Mthetho, utitshalakazi wakhe, wakuqaphela oku.



USihle wajikela emva kwegumbi lokufundela waza utitshalakazi Mthetho wamlandela.

Waxelela utitshalakazi wathi, “Abanye abantwana abafuni kuhlala nam kuba ndinentsholongwane kaGawulayo.”



Emva kwexesha utitshalakazi wabo wababiza wathetha nabo.

Wabacacisela wathi, “IHIV yintsholongwane esasazeka ngokudibana negazi okanye nezinye iincindi ezisemizimbeni yethu.”



Utitshalakazi uMthetho waqhubeka wathi, “IHIV ayisasazwa kukudlala kunye, ukutya kunye okanye ukwangana.”

“Ningadlala kunye, nitye kunye kwaye nigonane.



Abantwana bavuya bakufundiswa ngeenyani zeHIV.

Baziva bedanile ngezenzo zabo, beza bafika bathi kuSihle.

“Sicela uxolo ngokukuphatha kakubi,” batsho bemanga uSihle.



Wonwaba ukususela loo mini uSihle esikolweni.

Wadlala ngokukhululekileyo nabanye abantwana.